

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

ISIMO SEMEKO YECOVID-19



“UMasipala wase-Overstrand unoxanduva lokugcina abahlali bakhe benolwazi ngokusasazeka kwentsholongwane yeCOVID-19 kummandla ophantsi kolawulo lwakhe kunye namanyathelo athe wawathabatha ukunceda ukuthintela impembelelo embi yesi sifo selizwe lonke,” utshilo uSodolophu wesiGqeba uDudley Coetzee.

Ngethuba lokuya kupapasho, bele kukho izigulane eziqinisekisiweyo ezilishumi elinanye ze-COVID-19 e-Overstrand ukuza kuthi ga ngoku, akubakho babhubhileyo ngenxa yentsholongwane esele bechaziwe.

“Njengoluntu, ukhuselo lwethu lokuqala kukuthobela imithetho emiliselwe ngurhulumente wesizwe,” utshilo uSodolophu, wangezelela wathi, “nokokuba kunzima kangakanani, ukuziqhelanisa nokunika isithuba phakathi kwakho nomnye umntu ngokuthi uhlale ekhaya kangango unakho kuphela kwento esinakho sonke ukuyenza singakhuseli nje kuphela thina kodwa ngokunjalo nabo bakufutshane kuthi nesibathandayo.”

“Senza konke okusemandleni ukukhusela abasebenzi bethu bezololongo lwempilo kunye nabo basebenzi baqhubekayo benikezela ngeenkonzo eziyimfuneko kula maxesha anzima. Uhlolo kummandla lulungelane liSebe lephondo lezeMpilo yaye inqanaba liya kunyuswa kwezi veki zizayo. Njengexalenye yesicwangciso sethu sokunokwenzeka, sichonge ngokunjalo iindawo ezininzi kummandla wonke ezinokuthi zisetyenziselwe ukubeka bucala abo bangenakho ukuzibekela bucala ngokwabo xa kuthe kwakho isidingo.”

Onke amaholo oluntu kunye nezakhiwo zemidlalo ziya kuhlala zivaliwe de kwaziswe kwakhona, ngeli thuba umasipala ucela okokuba abahlali batsalele iYunithi yoLawulo lweNtsekele kumombolo 028 313 5041 kwangethuba ukulungiselela ukwenza amalungiselelo eenkonzo zomngcwabo.

Ngokuthambekela kwinto yokokuba ukuvalwa ngci (lockdown) kuya kuba nomphumela ongenakunqandwa kuninzi lokuzifumana lukwiingxaki zemali, umasipala uleleza ngokunjalo bonke abahlawuli berhafu okokuba batsalele umnxeba iCredit Control Division kummandla wabo kwangethuba ukulungiselela ukuba amalungiselelo abe nakho ukwenziwa apho kuyimfuneka ukulungiselela ukuhlawulwa kwe-akhawunti zikamasipala.

Intsilela edingekayo kwi-akhawunti yakho kamasipala inakho ukucelwa nge-imeyile ngokuthi uthumele i-imeyile kule dilesi enquiries@overstrand.gov.za okanye uthumele i-SMS kule nombolo 082 561 6625. Ukuba oku akunakho ukwenzeka, hlawula nje ngokulula isixa-mali njengoko ubuwendile kwinyanga edlulileyo. Iintlawulo zinakho ukwenziwa nge-EFT okanye nakuyiphi na ivenkile ethengisa ukutya ngokusebenzisa i-Easy Pay kunye neendlela ezinjalo.

INDAWO YOKHUSELEKO ELUNGISELELWE ABANGENAMAKHAYA NGETHUBA LESIFO ESIKWILIZWE LONKE

Ukuphendula kubhengezo lokuvalwa ngci (lockdown) kwesizwe sonke, iMoffat Hall eseMount Pleasant yachongwa njengendawo apho abantu abangenawo amakhaya banakho ukuhlal-iswa ze banakekelwe ngenzame zokuthintela ukusasazeka kwe-COVID-19 kweli candela lis- esichengeni kakhulu lwabemi bethu.

Kufutshane nje emva kwangoko, amagosa onyanzeliso lomthetho oMasipala wase-Overstrand akhutshwa ukuya kuthatha abantu abangenamakhaya babase eholweni.

Ukuba ngaba kukho umntu ongenakhaya omaziyo ongekayi kule ndawo yokhuseleko, nceda utsalele umnxeba kule nombolo 028 313 8996 ungabazisi ukulungiselela okokuba amalungiselelo ayimfuneko yothutho olukhuselekileyo abe nokwenziwa. **UZE UNGAKHE** uthuthe umntu ngokwakho njengoko oko kungayibeka impilo yakho engozini. Yazisa amagosa onyanzeliso lomthetho ngexesha nendawo apho umntu lowo ebegqityelwe kuyo ukubonwa.

Kwakhona, sicela kuluntu okokuba bangasi ukutya ngqo eholweni. Faka iminikelo yakho kwi- itroli eziphawulweyo kwiivenkile zokutya ezithabatha inxaxheba ukwenzela okokuba amaqela onxibelelwano lololongo angakuhambisa ngokukhuselekileyo.

UKUNIKELA KWABASWELEYO NGETHUBA LESIDINGO ESINGAQHELEKANGA

Kulo lonke ihlabathi, uqhambuko lwentsholongwane icorona ludale umon-akalokazi kubomi babantu. Asikokuphela kwesigrogriso esibi esenziwe yile ntsholongwane kwimpilo yethu, kodwa ibe nomphumela ngokunjalo kubemi abaninzi abazifumana bengenadela yakuxhasa iintsapho zabo. Ngaloo ndlela, uninzi lwemibutho kunye nabantu bavala eso sikhewu ngoko nangoko emva kokubhengezwa kokuvalwa ngci (lockdown) ekuph-eleni kukaMatshi. “Ukuzinikezela kwabahlali base-Overstrand bethabatha amanyathelo awodwa ukunceda abo banesidingo kundimangalise kakhulu,” uvume watsho uSodolophu wesiGqeba wase-Overstrand uDudley Coetzee. “Njengomasipala, sinombulelo nakuluphi na uncendo ozimisele ukulunikeze- la,” utshilo. Kwangaxesha linye, ngoko, uSodolophu ulumkise ngokuba umasipala unoxanduva ngokunjalo lokuqinisekisa okokuba “imfesane”, ngokunjalo ihlala ikhuselekile. “Ngokuthambekela kwiimfuno eziqithileyo zezishubelo zaxa usexesheni kunye nesidingo esisoloko sikho sokunika isithuba phakathi komntu nomnye, sicebisa ngamandla ukungakhutshwa nokunikezelwa kweminikelo ngendlela engalawulwayo,” ulumkise watsho.

Ukusabela kwisifo esitshabalalisayo esikwilizwe lonke iCOVID-19, uMasi- pala wase-Overstrand useke uthungelwano lolawulo lwentlekele kunye namaqela ololongo. Ngokuhlalangeneyo, la maqela enza konke okuseman- dleni ukubeka iliso nokuthintela uqhambuko, ngokunjalo nokuqinisekisa ngento yokuba uncendo luyanikezelwa kwabo banesidingo. “Ngenxa yem- plo-ntle yakho, nceda uqhubeke usebenzisa amajelo asesikweni kamasipala ukuhambisa umnikelo wakho oncomeka kakhulu kunye nezipho,” ukhuthaze watsho uSodolophu. “Kwelethu icala, sithembisa ngokulungiselela ngento yokokuba iya kuhanjiswa ngokulinganayo,” uthembise watsho.

Ukuqhagamshelana neqela lothungelwano lololongo kummandla wakho, tsalela umnxeba kwiYunithi yoLawulo lweNtsekele kule nombolo 028 313 5041.

Ngenye indlela, unakho ukufaka **ukutya okungaboliyo okunkonkxiweyo kunye nezinto eziyimfuneko zegumbi lokuhlambela nangasese** kwitroli ephawulelwe le njongo kwezi venkile zilandelayo ezise-Overstrand:

HERMANUS

- OK Foods (Gateway)
- OK Mini Market (eVoëlklip, eOnrus)
- Pick n Pay
- Checkers (CBD, Whale Coast Mall)
- Woolworths (CBD, Whale Coast Mall)
- Food Lover's Market (Mall)

GANSBAAI

- Spar
- OK Foods

PEARLY BEACH

- Ivenkile yengingqi yeziqhamo nemifuno

STANFORD

- OK MiniMark

HANGKLIP

- Rooi Els Village Shop
- MiniMart Pringle Bay
- Village Deli Pringle Bay
- Centre Shop Betty's Bay
- Penguin Place Betty's Bay

KLEINMOND

- Spar
- OK Store
- Nayiphi na enye ivenkile yengingqi yokutya

Izipho ingakumbi yezi zinto zilandelayo ziya kuncomeka kakhulu:

UKUTYA:

- Umilimili
- Umngqusho
- Ukutya okunkonkxiweyo (ngakumbi umxube wetumato netswele / ubhaso oluhle / iimbotti ezinkonkxiweyo / ipilichard)
- Okunye ukutya okungaboliyo, ngaphandle kokuba kusekulaa pakethe kwakufakwe kuyo kuqala

UKUPAKISHA:

- Iingxowa zeplastiki ezomeleleyo (okt. Iingxowa zeplastiki ezimnyama)

IIZINTO ZEGUMBI LOKUHLAM- BELA NELANGASESE:

- Amaphepha endlu yangasese
- Intlama yokuhlamba amazinyo
- Isepha / eyokuhlamba izandla
- Izishubelo zangexa usexesheni
- Izishubelo zabantwana
- IZIBULALI-NTSHOLONGWANE:
- Iimveliso zokucoca zokubulala iintsholongwane
- Isepha engumgubo wokuhlamba liglavu

UKULAHLEWA OKUKHUSELEKILEYO KWENKUNKUMA YASEKHAYA

Amaxesha angaqhelekanga adinga imiqathango engaqhelekanga

UMasipala wase-Overstrand ucela abahlali okokuba bathabathe uxanduva ze bathobele izikhokhelo ezingezantsi phambi kokuba babeke inkunkuma okokuba ithuthwe ngeentsuku ezimiseliweyo. Wonke umntu uya kudingeka okokuba enze eyakhe indima ngokugcina ucocekile aze alandele izithintelo ukulungiselela ukuthintela ukusasazeka kweCOVID-19.

IZIKHOKHELO EZIBALULEKILEYO EZILUNGISELELWE UKUPHATHWA NGOKUFANELEKILEYO NOKUGCINWA KWENKUNKUMA YASEKHAYA EVELISWE NGABO BONKE ABATHE EMVA KOHLOLO BAFUMANISEKA BENENTSHOLONGWANE YECOVID-19:

1. Yonke inkunkuma (umz. amaphepha okufinyisa asetyenzisiweyo, amalaphu okucoca alahlwayo, iiglavu, izigqubuthelo (iimaski) njl.njl) ebihlangene nabantu abaqinisekisiweyo okanye abarhanelwa okokuba baneCOVID-19 kufuneka ilahlwe ngokukhuselekileyo kwiingxowa ezimnyama zenkunkuma, yahlulwe kwenye inkunkuma yasekhaya.
2. Xa ingxowa yenkunkuma emnyama izele kufuneka ifakwe kwenye ingxowa emnyama yenkunkuma yesibini (iingxowa eziphindiweyo) ze ibotshwe ukuthintela ukuchitheka kwayo nayiphi na into ephuma kule ngxowa.
3. Ingxowa ephindiweyo yenkunkuma kufuneka igcinwe yodwa kanganeentsuku ezintlanu (5) igcadwe elangeni phambi kokuba ikhutshelwe ukuba ithuthwe. Indlela ekhuselekileyo kukuzigcina iingxowa isithuba esangezelelweyo seveki phambi kosuku olumiselweyo lokuqokelelwa kwenkunkuma. Oku kuya kuqinisekisa okokuba intsholongwane yeCOVID-19 ibulewe.
3. Apho kusetyenziswa imigqomo enamavili, abahlali bayakhunjuzwa okokuba zonke izinto zocokeko lwabo kunye nezishubelo zasexesheni mazifakwe kwiingxowa ephindiweyo (mazifakwe kwiingxowa zeplastiki ezincinane ezimbini) phambi kokuba kufakwe inkunkuma kumgqomo wenkunkuma. Imizekelo yocokeko lomntu kunye nezishubelo zasexesheni ngamaphepha okufinyisa, iiglavu ezisetyenzisiweyo, iimaski kunye nezinto ezifana nazo.

UKUHAMBELANA NEMITHETHO-SISEKO YOCOCEKO OLULUNGILEYO KUKULAHLEWA NGOKUKHUSELEKILEYO KWENKUNKUMA YASEKHAYA NGOKUBANZI:

5. Nceda coca okanye uhlambe izandla ngamanzi nesepha kangangemizwana engama-20 ngaphambi kunye nasemva kokuphatha imigqomo enamavili okanye iingxowa ezimnyama zenkunkuma. Lo mqathango kukukhusela wena kunye namaqela anoxanduva lokunikela iinkonzo eziyimfuneko zokuthutha inkunkuma.
6. Kwimeko yemigqomo enamavili, nceda ngokunjalo ucoce imiqheba yomgqomo kunye neiciko.
7. Imigqomo enamavili okanye iingxowa ezimnyama zenkunkuma kufuneka zikhutshelwe ngaphandle ukulungiselelwa ukuthuthwa ngeentsuku ezimiseliweyo kuphela yaye kuphela emva kokuba la manyathelo achazwe ngasentla athe alandelwa
8. Iingxowa ezikhuselekileyo kakuhle kunye nemigqomo ukuthintela iizilwanyane zasendlwini kunye nezilwanyana eziyingxaki ekubeni zikrazule iingxowa kunye/okanye ukuchitheka kokungaphakathi.
9. Kuthintele ukuya kubasebenzi abathutha inkunkuma. Yima kumgama oyi-1.5 m ngawo onke amaxesha.

UMasipala wase-Overstrand uleleza kubo bonke abahlali okokuba bahlale ekhaya kangangoko benakho ze baphume kuphela ngokuya kufuna ukutya, amayeza kunye nenkxaso yonyango xa kuyimfuneko. Ngale ndlela, akusayi kuzikhusela nje wena kodwa uya kukhusela ngokunjalo usapho lwakho, izihlobo kunye nabamelwane ekubeni basuleleke. **Ukuba ufuna ingcaciso ethile, tyelela iwebhusayiti yoRhulumente weNtshona Koloni kule dilesi <https://www.westerncape.gov.za/departments-of-health/coronavirus>.**

INGXELO NGEEMFENE ABANTU BATHE GQOLO UKWALA UKUGUQUKA INDLELA YABO YOKUZIPHATHA

Ngokuhambelana nengxelo yakutsha nje engenisiswe yiHuman Wildlife Solutions, umnikazeli oyedwa otyunjwe iBhunga okokuba alawule iimfene, kusekho abahlali abakwimimandla eneemfene abangayise so imithetho kamasipala ephathelelene nokulahlwa kwenkunkuma kwiimimandla enezilwanyana eziyingxaki. Ukucaphula umzekelo, umlawuli weprojekti uGq. Phil Richardson uthi "uninzi lwemigqomo eVoëlklip ayikhuselwanga kwiimfene yaye uninzi lwabahlali lusoloko lushiya iingxowa zenkunkuma zivulekile ecaleni leendlela. Oku kungowona mtsalane yaye kwandisa kakhulu ubunzima bokulawula imihlambi yeemfene – ngakumbi ngeentsuku zokuthuthwa kwenkunkuma."

Kukhangeleka ngokungathi, ngokunjalo, okokuba abahlali abayisanga so ingcebiso yokususa iziqhamo ezinevumba eliswiti kwimithi ekwizitya zabo phambi kokuba zivuthwe nokuvalela ngi iimfene kwiindawo zabo zemifuno. Ngaphezu koku, kumathaba ekunikwe ingxelo apho iimfene zithe zanakho ukugqogqa amakhaya, uninzi lunokubalelwa kwiingcango ezingakhuselwanga kunye/okanye iifestile ezishiywa zivulekile.

Ngokuthabekela kwisimo esikhoyo, isindululo seHuman Wildlife Solutions sesokokuba ukuthuthwa kwenkunkuma kufuneka kubekelwe phambili kwimimandla echaphazelekayo – ngethemba kwakusasa kangangoko kunakho kusasa phambi kokuba umhlambi uqalise ukuba. Kwicala elilungileyo, ubukhulu bomhlambi bukhangeleka bungaquki: Umhlambi waseVoëlklip ngoku ume kuma-26, yaye umhlambi wasePringle Bay useme kwi-17. **Ukuhlola ingxelo yakutsha nje engenisiswe yiHuman Wildlife Solutions, tyelela www.hwsolutions.co.za.**



TAKING OUT TRASH

Our Solid Waste Removal personnel are exposed to more than 2000 bins and bags per day. We can help them by taking the following steps:



Use gloves when taking out trash bags or pushing out wheelie bins.



Wash hands with water and soap for 20 seconds after taking out bags or wheelie bins.



Ngoku ngaphezulu kobekudingeka, yenza naliphi na ithotsi libe lelilalelekileyo

Kwiinyanga ezizayo, amanzi aza kudlala indima ebalulekileyo kwiinzame zethu zokubhangisa uqhambuko lweCOVID-19.

Ukuthintela ukusasazeka kwentsholongwane, abantu baya khunjuzwa amaxesha ngamaxesha kwakhona okokuba bahlambe izandla zabo. Ngaphezulu, abo bathi bagule baya khuthazwa okokuba basele amanzi kangangoko benakho njengoko ukusela ulwelo kuyimfuneko ukunceda inkqubo yokuchacha. Ngesi sizathu, nento yokokuba asikayiphephi imiphumela yembelela yexesha elide, asinakho ngoko ukuyeka amanzi okusela amoshakale. Ngokufutshane, ukusebenzisa gwenxa esi sibonelelo sixabisekileyo ngethuba lamaxesha anzima, akusayi kuba kukuswela inkathalo nje kuphela, kuya kuba nemiphumela emibi kakhulu. Kwinye icala elilungileyo, ngoko, njengoko sivalaleke emakhayeni ethulixesha elilungileyo eli lokokuba silungise imiba eyinkathazo apha endlwini. **Sebenzisa eli xesha:**

- Lungisa la tephu ivuzayo okanye indlu yangasese
- Faka isitena okanye ibhotile ezaliswe ngamanzi kwisigcini-manzi sendlu yangasese ukusigcina singazalisi ngamanzi
- Khangela iindlela zokugcina okukhuselekileyo nokusetyenziswa kwamanzi emvula namanzi akhe asetyenziswa ngaphambili ukwenzela ukuba abe nakho ukusetyenziselwa ukuncenkeshela isitya nokuhlamba imoto.
- Bonisa kuye wonke umntu osekhaya indlela yokuguqula indlela yokwenza izinto, okanye ukwamkela ezintsha, okungathi kuncede ngayo ekulondolozeni amanzi.

Njengokungenamsebenzi njengoko kunokubonakala, ukutshintsha indlela yokwenza okanye ukwamkela entsha kunokunceda ekuqinisekiseni ngento yokokuba sithatha naliphi na ithotsi libe lelilalelekileyo

Ezinye "zeendlela ezindala zokwenza" ekufuneka zigquulwe zezi:

- Ukuyiyeka itephu ivulekile ngethuba uhlamba amazinyo akho
- Ukuhlamba impahla kumatshini wokuhlamba ungenawo umthwalo wempahla olingeneyo wokuba uuhlamba
- Ukuhlamba ebhafini endaweni yokuhlamba kwishawa
- Ukuhlamba imifunoo neziqhamo kumanzi abalekayo

Ezinye "zeendlela zokwenza izinto" ekufuneka zamkelwe:

- Hlambela iziqhamo kunye nemifuno esityeni. Ukuba ngaba udla ngokusebenzisa intluzo yokutya "ikholenda", beka isitya ngaphantsi ukugcina amanzi. La manzi anakho ngoko ukusetyenziselwa ukuncenkeshela izityalo zakho.
- Kubilise ukutya kwakho ngamanzi amancinane kangako unakho: Oku akusayi kulondolozwa nje kuphela kwixesha lokupheka, koko kuya kunceda ekuqiniseni incasa nezakhi mzimba kukutya kwakho.
- Musa ukuwayeka amanzi okupheka abe nganganamsebenzi: Wabekele ecaleni okokuba aphole ze uwasebenzisele ukuncenkeshela isitya.

IINDAWO ZOKUTHENGWA KWEXABISO EZINTATHU ZINTATHU ZICHAZIWE E-OVERSTRAND

IBhunga linike imvume yokokuba iKleinmond ngokunjalo ne-Onrus-Vermont zibhengezwe njengeMimandla eneRhafu eYodwa (iiSRA).

Ngenene, abanini beepropti ezihlawula irhafu kule mimandla baya kuthi kwixa elizayo banikele ngokubhekiselele ekuqiniseni unyanzeliso lomthetho nokukhuthaza isimo sokhuseleko, sempilo nesicocekileyo ngokuthi bahlawule umrhumo osekwe kuqikelelo lwexabiso lukamasipala lweepropti zabo.

Ngokuhambelana noMthetho kaMasipala weRhafu yePropati, lo mrhumo kufuneka ube yipesenti yexabiso lepropti ehlawula irhafu kumacandelo oqikelelo maxabiso yaye uya kuba sisixa-mali se-0.0005 siphinda-phindwe ngoqikelelo xabiso lonyaka (yaye ingabiso isixa-mali esisigxina). Umzekelo, kwipropti yokuhlala enoqikelelo xabiso lukamasipala oluphakathi kwesigidi esi-R1 nesigidi esi-R1.5, umrhumo owangezelelweyo uya kuxabiswa phakathi kwama-R22 nama-R33.67 rhoqo ngenyanga.

Intlawulo yerhafu eyangezelelweyo yarhoqo ngenyanga iya kuqokelelwa ngumasipala kubanini beepropti kummandla ze ihlawulwe kwinkampani engenzi nzala enoxanduva lokusebenza kwi-SRA. Umrhumo wokuqala owangezelelweyo warhoqo ngenyanga uya kuhlalulwa ngoJulayi 2020.

Okubandakanywe kuMmandla weRhafu eYodwa eKleinmond (KSRA) zizo zonke iipropti ezikwimida yaseKleinmond, eyiHeuningkloof njengomda ongasempuma, unxweme njengomda ongasentshi, iPalmiet (kubandakanywa namatyotyombe) njengomda ongasentshona ze intaba ibe ngumda ongasentla.

UMmandla weRhafu eYodwa wase-Onrus-Vermont (OVSR) uqulathe yonke imimandla ekwiVodi 13, ngamanye amazwi i-Onrus, Onrus North, Berghof kunye neVermont. Indawo yeXabiso eliKhethekileyo laseHermanus (i-HSRA) iza kubandakanya zonke iipropti kule ndawo ngaphakathi kwemida ye-17th Avenue eVoëlklip empuma ukuya kwiSwardam Road entshona, kusekho iSitalato njengomda osemazantsi kunye neFernkloof Nature Reserve njengomda osemantla.

Zonke ezintathu ze-SRA zibonise ukuba ziya kubeka phambili ukufakwa kweekhamera ze-CCTV njengenayathelo lokuqala ukunceda ukuphelisa ulwaphulo-mthetho. Iinkcukacha ezithe kratya malunga namanyathelo acetywayo zinokufumaneka ngokunxibelelana neekomiti ezisebenzayo kule nombolo info@kleinmondsag.co.za okanye onrus.vermont.sra@gmail.com okanye hermanussra.co.za.